Isalathiso: 20171009-5590
12/12/13/1
Imibuzo: R Larney

ISetyhula: 0042/2017
Umhla wokuphelelwa: Awukho

Iya: KumaSekela Balawuli – Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili), kuBaphathi beeSekethe, kwiiNqununu zezikolo zikarhulumente nakooSihlalo bamaBhunga olawulo

Isishwankathelo esifutshane: *Le setyhula yazisa isikhokelo sezikolo xa zenza isicelo sokutyeka (deviate) ngethuba lentlanganiso enye yebhunga lolawulo yokutyumba nonyulo ngethuba lonyulo lwango-2018, njengoko kucacisiwe kwiMigaqo Procedures for the Establishment and Election of Governing Bodies at Public Schools Regulations, 2017.*

Isihloko: Isikhokelo sokutyeka kwintlanganiso enye yebhunga lolawulo yokutyumba nokunyula

1. Imigaqo ehlaziyiweyo *Procedures for the Establishment and Election of Governing Bodies at Public Schools Regulations, 2017 eyapapashwa kwiGazethi yePhondo* eyoNgezelelweyo (*Provincial Gazette Extraordinary*) No. 7810 ye-17 Agasti 2017, ivumela ukuba ibhunga lolawulo lifake isicelo sokutyeka kwinkqubo yokutyumba nokunyula amalungu angabazali, kumlawuli wesithili, zingadlulanga iintsuku eziyi-60 phambi komhla wonyulo. IsiHlomelo A siqulethe ifom emayisetyenziswe zizikolo ukufaka isicelo kumlawuli wesithili ngokuqala zigqithe kumphathi wesekethe.

2. Nakuphi na ukutyeka ekufakwe isicelo ngako makube kokukhuthaza nokulungiselela abahlali besikolo ngeyona ndlela ibhetele, okuvumela ukuthatha inxaxheba kwabazali abaninzi abanqwenela ukuvota, okungamcaluli ngokungenabulungisa lowo ungumvoti olindelekileyo, nokuvumela inkqubo yokutyunjwa enobulungisa ngethuba eliphambi konyulo yaye izikolo maziqinisekise ukuba abazali bayaziswa ngokusemthethweni ngeenkcukacha zabagqatswa.

3. Isicelo esivela esikolweni masixhaswe ngokupheleleyo zizizathu ezivokothekileyo yaye masibonise ngokucacileyo umhla, ixesha nendlela isikolo esijonge ukuyilawula ngayo inkqubo yokutyumba nonyulo yamalungu angabazali bebhunga lolawulo.

4. Izikolo mazithathele ingqalelo esi sikhokelo sincinane silandelayo phambi kokwenza isicelo kwiSebe leMfundo leNtshona Koloni (iSebe i*WCED*) sokutyeka kwinkqubo yokubamba usuku lonyulo olunye lokutyumba nonyulo:

4.1 Malibe likuvumile ukubanjwa konyulo igosa lonyulo oku yaye malibekho ngethuba layo yonke inkqubo yonyulo. Kule meko, inkqubo yonyulo ibhekisa kumathuba amaxesha abazali abanokuvota ngawo, oko kukuthi ithuba elandisiweyo elinye okanye amathuba amaninzi amisiweyo ekuhambeni kwemini.

4.2 Kuya kusebenza imigaqo yokhuselo nokhuseleko efanelekileyo neyimpumelelo ukuqinisekisa ukuba kugciniwe ukuthembeka konyulo ngalo lonke ithuba lokuqhutywa kwalo.

4.3 Imbalelwano eya kubazali mayiqinisekise ukuba baya kwaziswa ngokupheleleyo nangokuyimpumelelo ngemiqago yokutyumba nonyulo eza kusetyenziswa.

5. Ukwenzela ukuba lube semthethweni unyulo olubanjwe ngokungqinelana nale Migaqo kwanokuba abagqatswa abatyunjiweyo baqwalaselwe njengabanyuliweyo, makube kuvote kunyulo ikhoram yabazali elishumi lepesenti ubuncinane yenani lilonke labazali abakuluhlu lwabavoti. Makuqatshelwe ukuba nokuba ngaba inani labatyunjiweyo lilingana nenani lamalungu angabazali kwibhunga lolawulo, makuvotwe nakuba kunjalo, yaye makufunyanwe inani eliyikhoram, yaye xa kungaphumeleliyo oko, makuqhutywe unyulo oluya kulandela olu.

6. Ibhunga lolawulo elinganelisekanga sisigqibo somlawuli wesithili linokufaka isibheno kwiNtloko yeSebe (*Head of Department (HoD)* zingadlulanga iintsuku eziyi-14 emva kokufumana isigqibo somlawuli wesithili.

7. Kucelwa wazise okuqulethwe yile setyhula bonke abasebenzi namalungu ebhunga lolawulo ukwenzela ukuba bakuthathele ingqalelo.

ISAYINWE: NGU-BK SCHREUDER
INTLOKO: YESEBE LEMFUNDO
UMHLA: 2017-10-21

URhulumente weNtshona Koloni
EzeMfundo

IsiHlomelo A

UNYULO LWEBHUNGA LOLAWULO LWANGO-2018

ISICELO SOKUTYEKA KWINTLANGANISO ENYE YOKUTYUMBA NONYULO

Le fom mayizaliswe libhunga lolawulo yaye mayithunyelwe ngefeksi okanye nge-imeyili kumphathi weseketheubuncinane kwiintsuku eziyi-60 phambi konyulo lwamalungu angabazali.

Igama lesikolo: _____ **Indawo yonyulo:** _____

I-Ofisi yeSithili seMfundo: _____ **ISekethe:** _____

Umhla nexesha lonyulo elicetywayo:

Unyulo lokuqala: _____**KUNYE nonyulo lwesibini:** _____

Igama nenombolo yoqhagamshelwano yeGosa loNyulo lesikolo:

_____

Inani	Imeko yokulungela ukubamba intlanganiso enye yokutyeka yokutyumba nonyulo	Ewe	Hayi	Iikhomenti
1.	Ikomiti yonyulo yesikolo iyasebenza yaye iya kufumaneka ngalo lonke ithuba lonyulo.			
2.	Iinkqubo zonyulo ezizezinye ziya kuchazelwa abazali bonke yaye ziya kuthathelwa ingqalelo iziphakamiso ezichasa oko.			
3.	Iinkqubo ziyasetyenziswa ukuqinisekisa ukuba ukutyunjwa kwabagqatswa kugqitywa ubuncinane kwiintsuku eziyi-14 phambi komhla wonyulo yaye abazali bayachazelwa ngeenkcukacha ubuncinane kwiintsuku ezisixhenxe phambi komhla wonyulo.			
4.	Isikolo sinesicwangciso esisebenzayo ukuqinisekisa ukuba baninzi abazali abathatha inxaxheba.			
5.	Indawo (iindawo) yentlanganiso yonyulo ifanelekile yaye iya kufikelelwa ngabo bonke abathathi-nxaxheba ngethuba			

	elipheleleyo lonyulo.			
6.	Imigaqo yokhuseleko nokhuselo iya kusebenza ukukhusela ukuthembeka konyulo.			
7.	Imibhalo eyalathayo *(signage*) efanelekileyo, ifanitshala nezinto zokubhala (kuqukwa iinkcukacha zabatyunjwa, iibhokisi zokuvota neebhuthi zokuvota (*voting booths*) ziya kubakho kwintlanganiso yonyulo.			
8.	Kwenziwe amalungiselelo okupapasha iziphumo kukho nabatyunjwa.			
9.	Ukutyeka kuya kuvumela ukuba kuthathwe inxaxheba ngabazali abaninzi bavote ngethuba lonyulo.			
10.	Ukutyeka akuyi kubabandlula ngokungenabulungisa nabaphi na abavoti abalindelekileyo.			
11.	Ukutyeka akuyi kukudlelelela ukubanako kwabazali ukuvotela abagqatswa.			

Izizathu ezixhasa oku *(Makunikwe izizathu ezipheleleyo ezivokothekileyo zokutyeka nenkcazo ngokuba isikolo sijonge ukukulawula njani na ukutyunjwa nokunyulwa kwamalungu angabazali)*

ISIVAKALISO NGAMAGOSA ESIKOLO

Thina, aba basayine apha ngezantsi, sivakalisa ukuba le ngcaciso ingentla ichanekile yaye iphelele.

_____	_____	_____
Igama likaSihlalo weBhunga loLawulo	**Isignitsha**	**Umhla**
_____	_____	_____
Igama leNqununu	**Isignitsha**	**Umhla**

ICANDELO B: MAYIZALISWE YI-OFISI YESITHILI

1. MAYIZALISWE NGUMPHATHI WESEKETHE

Isicelo: Samkelwe/Asamkelwanga

Iikhomenti

_____ _____ _____

Igama loMphathi weSekethe **Isignitsha** **Umhla**

2. MAYIZALISWE LIGOSA LONYULO LESITHILI

Isicelo: Samkelwe/Asamkelwanga

Iikhomenti

_____ _____ _____

Igama leGosa loNyulo leSithili **Isignitsha** **Umhla**

3. MAYIZALISWE NGUMLAWULI WESITHILI

Isicelo: Sivunyiwe/Asivunywanga/Sifakelwe izilungiso

_____ _____ _____

Igama loMphathi weSekethe **Isignitsha** **Umhla**